URhulumente weNtshona Koloni

EzeMfundo

STOP UKUNWENWA KWALE NTSHOLONGWANE

Ukufunda okusemgangathweni ekhaya

Iingcebiso kubazali:

Imisebenzi yokufunda yaqho ngosuku:

Ukulinganisela izakhono zokufunda zomntwana wakho:

Ukufunda okusemgangathweni ekhaya:

Abazali banendima ebalulekileyo ekuphuculeni izakhono zokufunda zabantwana babo. Ngethuba lokumiselwa kwemiqathango yokuhlala emakhaya nokumiswa ngxi kwemisebenzi nezinye izinto ezenziwayo abazali KUFUNEKA bakukhuthaze ukufunda njengomsebenzi wemihla ngemihla emakhaya.

Iingcebiso kubazali:

- Misela ixesha lokufunda elikhethekileyo ekhayeni lakho.
- Amagama enzelwe ukufundwa – yaye akho kuyo indawo! Inokuba yincwadi, imagazini, iphephandaba, iresiphi okanye okubhalwe ngemva kwipakethi yesepha engumgubo yokuhlamba iimpahla.
- Qinisekisa ukuba ukuprekthiza qho ukuwafunda.
- Khetha imisebenzi ibe mithathu kuleyo yokufunda ngosuku ngalunye ukuprekthiza ukufunda nokubhala ekhayeni lakho.
- Lugqibezele usuku ngomdlalo obhalwe ngumntwana wakho/ngabantwana bakho.

Imisebenzi yokufunda yaqho ngosuku:

- Ukulibalisa kwakhona ibali: Mcele umntwana wakho akulibalisele ibali kwakhona ebelifundile.
- Ukulandelelanisa iziganeko: Mbuze umntwana wakho ukuba kwenzeke ntoni kuqala? Kwenzeke ntoni ekugqibeleni?
- Ukulingisa: Mcele umntwana wakho alingise ukudlala ibali alifundileyo okanye alibhalileyo.
- Ukwakha amagama: Makakhe amagama ngezandi umz. i -k- a- t-i. ⟶ ikati
- Imisebenzi yovavanyo lokuqonda: Mbuze imibuzo ethe ngqo ngekhontenti yebali.
- Ukubhala ibali: Mcele umntwana wakho akubhalele ibali okanye agcine idayari ngosuku lwakhe qho.
- Ukwenza incwadi: Makenze okanye abhale incwadi okanye azobe ibali.

Ukulinganisela izakhono zokufunda zomntwana wakho:

- Umntwana wakho umele ukubanako ukufunda:

KwiBakala 1

- Ekupheleni kwekota yesikolo 1: ayi-10 amagama ngomzuzu.
- Ekupheleni kwekota yesikolo 2: ayi-20 amagama ngomzuzu.

KwiBakala 2

- Ekupheleni kwekota yesikolo 1: ayi-50 amagama ngomzuzu.
- Ekupheleni kwekota yesikolo 2: ayi-60 amagama ngomzuzu.

KwiBakala 3

- Ekupheleni kwekota yesikolo 1: ayi-100 amagama ngomzuzu.
- Ekupheleni kwekota yesikolo 2: ayi-120 amagama ngomzuzu.

Lazi inani lamagama ngomzuzu awafundayo umntwana wakho yaye ubone ukuba uyaphucuka na umgangatho wakhe wokufunda amagama.